**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:

   | | | |
   |---|---|---|
   | ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
   | ICANDELO B: | Idrama | (35) |
   | ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
   | ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   **ICANDELO A: INOVELI**
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   **ICANDELO B: IDRAMA**
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.

   **ICANDELO D: ISIHOBE**
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni kwecandelo ngalinye ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| | | | |
|---|---|---|---|
| **ICANDELO A: INOVELI**<br><br>**Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo.** | | | |
| **INANI LOMBUZO** | **UMBUZO** | **IPHEPHA** | **AMANQAKU** |
| 1. *Kusa kusihlwa* | Umbuzo omfutshane | 5–8 | 35 |
| | | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | Umbuzo omfutshane | 8–11 | 35 |
| | | | |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.** | | | |
| 3. *Ndiyekeni* | Umbuzo omfutshane | 12–15 | 35 |
| | | | |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane**. | | | |
| 4.1 *Ndakuyicela ivuthiwe* | Umbuzo omfutshane | 16–17 | 18 |
| | | | |
| 4.2 *Kanti andizenzanga* | Umbuzo omfutshane | 18–19 | 17 |
| | | | |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo**. | | | |
| 5.1 Intyatyambo | Umbuzo omfutshane | 20–21 | 18 |
| | | | |
| 5.2 Umanyano | Umbuzo omfutshane | 22-23 | 17 |

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA |
|---|---|---|---|
| A: Iinoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa Umqol'uphandle) | 1–2 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| B: Idrama<br><br>(Ndiyekeni) | 3 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>(Ndakuyicela Ivuthiwe Kanti Andizenzanga!) | 4 | 1 | |
| | **OKANYE** | | |
| D: Isihobe<br><br>(Intyatyambo Umanyano) | 5 | 1 | |

**QAPHELA: Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.**

## ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

## UMBUZO 1

### *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Nanto wayeyithiyile egazini, yayikukubona uJwarha encokolisa omnye umntu obhinqileyo nokuba ngubani na apha esibhedlele ...
>
> Akukhathaleki nokuba yena ebengekafiki esalindelwe. Into embi yayikukuba nokuba selecetyiswa ngabahlobo bakhe wayengeva mntu ngoJwarha wakhe. Kodwa ke kuyo yonke loo nto uthando lwakhe aluzange lugungqe, luphasalake, lubhange kusini. Babengumtya nethunga. Emva kweminyaka emithathu enesiqingatha, uNomakhwezi wabugqiba ubongikazi jikelele, waza engaphozisanga maseko, wathabatha isebe lokubelekisa kwalapha esibhedlele.
>
> Uthe akuba eliphumelele eli sebe, bakhawuleza batshata. Bagqibe kwelokuba mabaphangele iminyaka ibe mibini mithathu ... ULungile ucinge ngokuvula ivenkile eMlazi, G.G. apho athe wafumana khona inxiwa kwakunye nendlu.
>
> Naxa iindawo zorhwebo zidla ngokunqaba, noko yena lo mfana ube nethamsanqa kuba le venkile nalo mzi zibe zithengiswa ngumfo owayekade ezisebenzisa koko wafudukela eLusuthu apho wayevela ngenxa yokunyanzelwa yimithetho emitsha ethi amathuba makanikelwe kubemi nabantu baloo ndawo. Umnini-venkile lo wayeyithengisa nakubani na koko uLungile waqala wayiva le nto abanye abantu bengekayiva. Bathi beyindwebela bafika seleyithengile. **Babakhona ubuhumhum obuthethekayo bokuba uLungile ngokwakhe wayengamelwe kukuyifumana le venkile kuba akangomZulu.**
>
> Omnye wabantu ababeziintshatsheli ekuthetheni nabantu kakubi mayela nalo mcimbi yayingumfo wakwaMakhwetshu owayehleli kwelaseThekwini isithuba seminyaka engamashumi amabini, wada wacinga ukuba ungumZulu …

1.1.1 Kwesi sicatshulwa kukho isivakalisi esinentsingiselo ethetha ukuba uLungile noNomakhwezi babevana.

(a) Chonga eso sivakalisi. (1)

(b) Chaza ukuba sisetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni ngoLungile noNomakhwezi. (1)

1.1.2 Matanisa iimpawu zenoveli ezikuKholam A neempendulo ezikuKholam B.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Umbalisi kwesi sicatshulwa. | (i) | UNozililo |
| (b) | Umlinganiswa ongumchasi kweli bali. | (ii) | UYolisa |
| | | (iii) | Umbhali |
| | | (iv) | UMpumelelo |

(2)

1.1.3 Bube njani ubudlelwane bukaLungile noNomakhwezi emva kokuba betshatile? (1)

1.1.4 Uphuhlisa ntoni umbhali ngoMakhwetshu ngokusebenzisa le ntetho ilandelayo?

'... wada wacinga ukuba ungumZulu ...' (2)

1.1.5 Esi sicatshulwa sithathwe kwinqanaba lengabula-zigcawu. Ngqina oku. (1)

1.1.6 Yintoni abonisa ngayo uYolisa ukuba umbona uNomakhwezi njengomntu ongamhloniphiyo uLungile? (1)

1.1.7 Chaza okuthethwa sisivakalisi esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

1.1.8 Xela amagama eetshomi zikaNozililo awayezisebenzisa ekwenzeni iyelenqe lokubulala uMpumelelo. (2)

1.1.9 Sisetyenziswe njani isimo sentlalo kweli bali ukuveza ukukhohlakala kukaNozililo? (2)

1.1.10 Bonisa ubuchule bombhali bokusebenzisa iphupha likaLungile lokutsha kwevenkile yabo kweli bali. (2)

1.1.11 Ingaba yayilungile okanye yayingalunganga imithetho eyanyanzela uMosiu ukuba ayithengise ivenkile yakhe eyayiseMlazi? Xhasa impendulo yakho. (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> 'Into oya kuyibona yile yokuba esi sibhedlele uza kusenza sibe sincinci ukanti siza kuthi ungaphelanga nonyaka lo basuke abantu basixake. Nangoku omnye umntu ebekhe wafika esithi unesifo sokuwa. Ndimnike unyango, ndathi aze abuye aphinde ndisenzela ukuba aze kubonwa nguwe kwiveki elandelayo. Uthe ebuya waba selebhutyuke umzimba lo wonke kukutsha. Kubonakala ukuba uthe akunikwa amayeza isifo satshintsha kulaa nto besiyiyo. Kubonakala ukuba le nto yenzeke eyedwa waza waba ufumana ukwenzakala bengekho abantu ngokwengxelo. Xa ebesesibhedlele ngesindile.'
>
> 'Wena usathetha ngomntu omnye. Baninzi ekudala befika apha kum, beze ngaloo nto. Kule minyaka mibini iyodwa, ndixilonge abantu abangama-350 bezifo ezinxulumene nengqondo kuphela.'
>
> 'Ayavakala Jwarha. Hlabela mgama, ndoda, siyitshaye isaqhuma.' Uyibethe yancinci endleleni imoto ukuya kudibanisa abasemagunyeni, kwiSebe lezeMpilo eMthatha. Intlanganiso abenayo nabo yathatha iintsuku ezintlanu emana ebuyelela, edibanisa kulo nalowa, kucokiswa zonke izinto ezifuna ukuqwalaselwa. URhulumente akaneliswanga ngala manani ebesiza nawo, aba bantu athi bafuna isibhedlele. Kuye kwafuneka ugqirha lo aphinde aye emaphandleni aye kuqokelela ngokwakhe obunye ubungqina bokuzalisekisa lo mbandela.

1.2.1 Xela igama lendawo esakhiwa kuyo esi sibhedlele kuthethwa ngaso kwisicatshulwa. (1)

1.2.2 Zinto zini athi uThembisa zibe ngunobangela wokutsha kwesigulana esinesifo sokuwa? (2)

1.2.3 Xela iindawo uThembisa noMpumelelo abaya kufunda kunye kuzo. (2)

1.2.4 Chaza iinzame ezenziwa ngutitshala uNgxowankulu ukunceda ukuba uThembisa afunde de abe ngugqirha. (2)

1.2.5 Yintoni injongo kaMpumelelo yokuba afundele ubungcungela kwizigulo zengqondo. (2)

1.2.6 Imvelaphi kaThembisa yahluke njani kwekaMpumelelo? (2)

1.2.7 Ukwakha isibhedlele kukaMpumelelo kuzalisekisa okwathethwa emngcwabeni kaLungile ngoMpumelelo. Ngqina oku. (2)

1.2.8 Yintoni injongo yombhali ngokusebenzisa uThamsanqa njengomnye wabalinganiswa kweli bali? (2)

1.2.9 Ukwenza ukuba ibe nguNozililo ongumntu ongumama oqhekeza umzi wakwaNtsibande ngamayelenqe, kubonisa ...

Khetha impendulo ibe nye echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Ingcinga enye ebethelelekileyo.
B Ukuqala ugwebe phambi kokuba uve.
C Ingcinga edlelelela iqela elithile labantu.
D Ukucalucalula ngokwebala labantu. (1)

**[35]**

**OKANYE**

**UMBUZO 2**

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Ukuba bakhona abanye apha eMonti, andingebazi apho bazifumene khona kuba le kuphela kwevenkile enezi bhatyi apha eMonti-masendisithi, nakwezinye iindawo kweli loMzantsi Afrika. Nditsho kuba nathi asikazithumeli kumasebe ethu akwiindawo ngeendawo kuba sisafuna khesiqonde ukuba zothengiseka njanina. Zona zivela kumzi ezenziwa kuwo, Phesheya. Ekwazini kwam, kweli loMzantsi Afrika liphela, yivenkile yethu *yakwaFemina House* kuphela ethengisa impahla evela kulo mzi waPhesheya.'

'Uthetha ukuba abo babini bawahlawule onke ngaxeshanye loo mashumi mathandathu eerandi?'

'Bobabini, ekukhumbuleni kwam, abathathi ngatyala kule venkile. Bayihlawula yonke loo mali ngaxeshanye.'

'Uthetha ke ukuba awungewakhumbuli amagama abo? Ndiza kukuxelela ukuba ndibuzela ntoni na: Ndiyayithanda le bhatyi kodwa bendingathanda ukuba ndithi phambi kokuba ndiyithenge, khendiqale ndibone umfaneleko wayo kulowo uyinxibileyo, ndiqonde nakwabanye ukuba bayithanda njani na; ndiqiniseke kuqala ukuba eyam inkosikazi ingafanelwa na yiyo. Kaloku iyakwazi ukuthi into intle, suke ingamfaneli umntu ... Kaloku iinjongo zam zezokuba ndenze isipho engasilindele. Andifuni nokuthenga into engayifanele ngemali enkulu kuba kwakubanzima kuyo ukuthi iyiphiwe okwenduk' omnquma**,** ikwazi ukundixelela ukuba imbi, ayiyifuni. Kanti ukuba abaza kundicebisa bayibona inxityiwe ngomnye, zebabone ukuba yoyifanela inkosikazi, ndoyithenga ngaphandle koloyiko ...'

2.1.1 Le ngxoxo ilapha kwesi sicatshulwa iqhubeka phi? (1)

2.1.2 Kutheni uHlobo etyelele kule venkile? (1)

2.1.3 Uthi uHlobo ufuna ukuyithengela bani le bhatyi? (1)

2.1.4 Ngezivakalisi ezibini chaza okwenziwa ngamakhosikazi aye kule venkile uHlobo wayetyelele kuyo. (2)

2.1.5 Zizathu zini ezabekwa nguHlobo ezabangela ukuba aphume engathenganga kwezo bhatyi azibonisiweyo kuloo venkile? (2)

2.1.6 Umbhali usebenzise isaci xa uHlobo achaza indlela aza kuyipha ngayo inkosikazi yakhe ibhatyi.

(a) Chonga esi saci asisebenzisileyo. (1)

(b) Cacisa ukuba uHlobo uthetha ukuthini ngesi saci. (1)

2.1.7 Chaza izinto aziphazamileyo kuphando lwakhe uHlobo ezivezwe kukuxinwa kwakhe yimibuzo yegqwetha likaLinda. (2)

2.1.8 Xela udidi lwempixano olubonakaliswa ziingcinga zikaHlobo akuva ukuba ukhona omnye umntu oyithengileyo le bhatyi ngaphandle kukaLinda? (1)

2.1.9 Ibonisa ukuba unayiphi inkolelo umbalisi kwintetho yakhe ethi, 'Waqonda loo mini ukuba abafazi aba zizithanda- kwazi, abantu abangakwazi mpela ukuzigcinela iintakumba zabo ...'?

A Unenkolelo yokuba abafazi bangabantu abathanda iindaba.

B Unenkolelo yokuba abafazi bayazicingela.

C Unenkolelo yokuba abafazi banengqondo kunamadoda.

D Unenkolelo yokuba abafazi ziziyatha. (1)

2.1.10 Ziziphi iziganeko EZIBINI ezimenza umfundi wale ncwadi anxunguphale malunga nophando olwenziwa nguHlobo. (2)

2.1.11 Ucinga ukuba abaxhasi bakaLinda bavakalelwa njani akukhululeka kwityala lokubulawa kukaEddie noLulama? Xhasa impendulo yakho. (2)

## ISICATSHULWA B

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Wangena ibhatyi yesuti awayeyinxibile iyokozela ziimbasa awayesele ejizwe ngazo kwinkonzo yakhe yobucuphi.
>
> Wafika engalindelwe koko elanganzelelwa ligquba lamapolisa. Ekhwapheni, wayethe khu umshini we*tape recorder*. Uwuthe thaca phezu kwetafile, wathi, 'Ncedani nindizisele amabanjwa aphezolo, ndahlukane nawo. Sendingxamele ukwenza amalungiselelo okuya ekhefini lam lonyaka.'
>
> Uthe ephuma owayesiya kuwalanda, yabe indlu yonke inxakama: 'Uyifanele loo holide, Dick!.' Uncumele ecaleni unkabi.
> Emzuzwini, angene amabanjwa selenyoshoza. Anikwe izitulo, ahlala- amehlo abhekiswa kuHlobo ngumntu wonke. Umf'omkhulu utyede ibhatyi, wafinyeza imikhono yehempe. Uthe akuthetha, kwe nzwanga endlwini. 'Phakathi kwethu,' uqale ngelo, 'sinenyhweba yokubona le nzwakazi kunye nala manene mathathu.
>
> Mhlawumbi ke nina anibazi. Into eniyaziyo inye yeyokuba babanjelwe ukuqhuba ishishini elingekho mthethweni, ngokuthengisa intsangu. Yivani ke ndinixelele nangaphezulu koko:
>
> 'Le nzwakazi nguThembisa Ntlokonkulu. Osecaleni kwayo nguThemba Mdoda, ibenguKhulile Dungana noWelile Nzulube. Bonke ke ngabaphathi bombutho esiwaziyo nesiwuhloniphileyo, umbutho ovunyiweyo ngabasemagunyeni- *iMoonglow Night Club*.
>
> 'Lo mbutho wasekelwa ukonwabisa abantu ngeenjongo zokuba bazilibale iinzingo zabo zemihla ngemihla.
> 'Njengokuba benzile nje, bonke ke zizihlobo zikamfi uEddie Maga- laa Eddie wayeyintsika yase*Moonglow*, laa Eddie wafa ngendlela eyaziwa nguye wonke ubani olapha. Ezi ke zizihlobo zikaEddie, ndiyaphinda nditsho.'

2.2.1 Xela indawo eyafumaneka kuyo le *tape recorder* yaba luncedo kolu phando. (1)

2.2.2 Ukunxakama kwamapolisa akuba ebambe amalungu ase*Moonglow* kubonisa ntoni ngoHlobo? (1)

2.2.3 Yintoni injongo yokuba uHlobo ngale mini aza kuveza ngayo ababulali bakaEddie azinxibe iimbasa zakhe? (2)

2.2.4 Le holide kuthethwa ngayo kwesi sicatshulwa yayimfanele ngokwenene uHlobo. Ngqina oku. (2)

2.2.5 Ngokwesicatshulwa xela eli shishini lingekho mthethweni abanjelwe lona la malungu ase*Moonglow*? (1)

2.2.6 Yintoni eyenza ukuba la mabanjwa angene selenyoshoza? (1)

2.2.7 Matanisa intetho ekuKholam A nesithethi esikuKholam B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) 'Ngokwenene andiphumeleli ukuya ebhayo namhlanje ...' | (i) Joe Bumba.<br>(ii) Linda Monti. |
| (b) 'Ncedani nindizisele amabanjwa aphezolo, ndahlukane nawo.' | (iii) Sajini Ngqondi<br>(iv) Hlobo. |

(2)

2.2.8 Oku kuphindwa kwentetho ethi, 'zizihlobo zikaEddie,' kuphuhlisa ntoni ngezi zihlobo zakhe zase*Moonglow*? (2)

2.2.9 Nguwuphi owona mxholo uphambili udluliswa ngumbhali kule ncwadi? (2)

2.2.10 Kule ncwadi kukwafundiswa ukuba ubugewu abuhlawuli. Ngqina oku. (2)

2.2.11 Esi sicatshulwa sithathwe kuliphi inqanaba lesakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 3

### *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### ISICATSHULWA A

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| Funeka: | Yazola imini yeemini. Uhleli Zanele? |
| Zanele: | Kudala ndihleli intokunayo ndibambe eshushu intlanganiso. |
| Funeka: | Ulumke ungazisikeli enqatheni, hleze linqume ukuba akuyi kucwaya yonke into. |
| Zanele: | Yakungena **intaka** endlwini ayibuyi lubuyayo. |
| Funeka: | Mawo! Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela. Buza kuthi <u>bhabha</u>. Namhlanje le ndlu kufuneka ilungiselelwe ukufika kookumkani. Impahla mayime ngolunye uhlobo. |
| Zanele: | O! Nkosi yam! Ndinga andingenikezeli elubala. |
| Funeka: | Keep your charm and don't lose your head. Indoda yenze ikuzingele ungawugquki umkhondo. |
| Zanele: | Izitulo ziza kuma njani? |
| Funeka: | Yekela kum wena. Inkosana yohlala apha, wena uze uhlale kwesi sijongene naso, nikwazi ukungqalana. Enye into ke ndoyiyekela kuwe sana, umdala ungaka nje.<br>(*Atsho ezalatha izitulo.*)<br>*(Ukutshona kwelanga*) |
| Funeka: | Izinto zimi ngoonina (*Kulungiswa iitafile ...)* |
| Zanele: | Masikhawulezise ntanga, nantsi ifika imoto yokuqala. (*Bakrobe*)<br>... |
| Funeka: | Mkhaya betha soje, ungenzi mlembelembe wabavangeli. |
| Jerry: | Kulungile mkhaya, inkomo sele ilungele ukuhlatywa, amade ngawetyala. Boys and girls, namhlanje sivuyisana nomkhaya wam uFuneka. Niyazi ukuba akanyotywanga koko uvaviwe ngemfaneleko ekuphumeleleni ubongikazi. Impumelelo emva komzabalazo ifuna ukuthanjiswa ... Niyazibona ke ezi tafile. Zixakathe okweenyosi nje zingqina ubuhle bale ndibano. Niya kufikelela kuzo zonke iziqhamo, into yemini enye ayenzi nto mntu, ingenakubeka bani bala kwathini. |
| Mandla: | Siyabulela wakuthi, wenjenje umntu ukuze ihambo yakhe ithamsanqeleke, ... |

3.1.1 Le mini ibaluleke ngantoni kuFuneka le nto athi xa athetha ngayo athi yimini yeemini? Xela zibe MBINI. (2)

3.1.2 Yintoni unobangela wale ntlanganiso athi uZanele uyibambile? (1)

3.1.3 UFuneka entethweni yakhe noZanele usebenzise ibinzana elithetha ukuba uZanele angazibeki ethembeni kakhulu.

(a) Chonga elo binzana. (1)

(b) Cacisa ukuba eli binzana lisetyenziselwe ntoni. (2)

3.1.4 Matanisa iinkcazelo ezikuKholam A nophawu lwedrama olukuKholam B.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Kwingxoxo yedrama. | (i) | Umbhali ubalisa ngokwakhe. |
| (b) | Umsebenzi wamagama akwizibiyeli kwidrama. | (ii) | Ibali elibaliswa kumntu wesithathu. |
| | | (iii) | Amagama abalinganiswa akhokela iintetho zabo. |
| | | (iv) | Kukubonisa intshukumo yabalinganiswa |

(2)

3.1.5 Chaza ukuba la mazwi kaJerry alandelayo abhekisa kubani, uchaze nenjongo yawo.

'... into yemini enye ayenzi nto mntu, ingenakubeka bani bala kwathini.' (2)

3.1.6 Kutheni le nto kusetyenziswa eli theko ukufaka uMawonga emgibeni? (2)

3.1.7 Yintoni eyenze kwalula ukuba uFuneka amsebenzise uJerry kwiyelenqe lakhe? (1)

3.1.8 Igama elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa livelisa yiphi intsingiselo ngokwakwesi sicatshulwa? (1)

3.1.9 Le ngxoxo ikwesi sicatshulwa ithathwe kuliphi inqanaba lesakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.10 UFuneka uzotywe wangumlinganiswa ocalanye. Ngqina oku ngokwasebalini. (2)

3.1.11 Umxholwana wothando olujolise kwinzuzo uwuvelise njani umbhali? (2)

3.1.12 Ukusela kukaMawonga utywala kwaFuneka ngale mini kube nafuthe lini ekuphumeleleni kweyelenqe likaFuneka noNdila? (2)

3.1.13 Ukwenza ukuba ibe nguFuneka noZanele abangoomama abaqulunqa iyelenqe lokufaka uMawonga emgibeni wokusela utywala kubonisa:

Khetha impendulo ibe nye echanekileyo kwezi zilandelayo:

A Ingcinga enye ebethelelekileyo.
B Ukuqala ugwebe phambi kokuba uve.
C Ingcinga edlelelela ngokobuhlanga.
D Ukucalucalula ngokwebala labantu. (1)

**ISICATSHULWA B**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| Ndila: | Kwekhu! Ndifike kamnandi Funie girl neh? (*Atsho ahlale phantsi*) |
| Funeka: | Asazi ke bhuti Dicksie, sova ngawe, hleze uthi kanti uza kutshatisa iLawukazi. |
| Ndila: | **Watsho mfondini, nihleli apha nenene lodumo lwale ngingqi**. (*Atsho esalatha uLoni.*) |
| Loni: | Kanti ke, noko zisaqhwaya, andikafikeleli kummango wezikhova. |
| Funeka: | Tyhu bethu! Yintoni embi kule nto ithethwa nguDicksie? Ukuba ummithi yitsho siphendule leyo. |
| Ndila: | Hayi noko ntozakuthi ndiyaqhula. |
| Zanele: | Akukho nto ibitheni kakade, inja ebe amaqanda izidiza ngokuyebeyebeza. |
| Loni: | Bendingazi ukuba uthando kanti sihleli nje lukhokho lobutshijolo notshaba. |
| Funeka: | Ubuncwane bobomi zizothuso eziza nantyilelo zimbi. |
| Loni: | Ndiyabona ndiqonda kakuhle ukuba iinyosi azinabudlelane neempukane. (*Atsho ephakama*) |

| | |
|---|---|
| Ndila: | Hayi mfo kaLoni sukugqiba ukuthetha unge uyayolela, makhe sihlinze le nkabi. (*Atsho ebeka umngxu phezu kwetafile*) |
| Funeka: | Zanele, yiza nezitya sana ubeke phambi koDicksie. |
| Ndila: | Hambisa mtshana. (*athabathe, uZanele ahambise kuselwe*) |
| Ndila: | Ndicinga ukuba ngoku imizimba iswabulukile, kuba siphethe ezesibini iibhekile. |
| Loni: | Hayi mfo kaNdila uyibethe yee shwaka nengcalangcala. |
| Ndila: | Ndiyavuya ukuba elo lizwi liphume kuwe mfo kaLoni. Wakha wathi mhlamnene utywala ziingcambu zomthombe. |
| Loni: | (*Ebuthuka*) Ihasa alichukunyiswa, hleze ivumba lalo lonakalise umbuso. |
| Funeka: | Awuzi konakala, wonakalayo, ibe andazi nanto osafuna yona apha kudala sisithi canda umoya uxele utolo lwabaThwa. |

3.2.1 Amazwi kaNdila aphoxisayo, abhalwe ngqindilili kwesi sicatshulwa abonakalisa ukuba umbona uLoni njengomntu onjani? (1)

3.2.2 Igama, 'uyayolela' elikrwelelwe umgca kwesi sicatshulwa lisetyenziselwe ukusivelisela ntoni malunga nokuza kwenzeka apha ebalini? (2)

3.2.3 Umoya wale ngxoxo ikwisicatshulwa ubonisa ntoni ngobudlelwane obuphakathi kukaLoni noNdila? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.4 Nika naziphi iziganeko EZIBINI ezilapha ebalini ezibonisa ukungalungi kotywala. (2)

3.2.5 Ingaba uLoni ubenalo ulwazi lokuba nguNdila odlale indima enkulu ekumeyeliseleni etywaleni? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2.6 Ngokwesicatshulwa yintoni le ngcalangcala kuthethwa ngayo? (1)

3.2.7 Yintoni eveliswa ngala mazwi kaNdila akrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa malunga nobudlelwane bakhe noLoni? (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzo esetwe kuwo OMABINI amabali amafutshane.

**UMBUZO 4**

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa**

**ISICATSHULWA A: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* -EZ Guqa**

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> UQolwana ufikile kowabo ngeny'imini ehamba nomfazi wakhe. Wavuya unina ukuqonda ukuba ukumka kukaNokwanda akuvulanga sikhewu. Umfazazana wenzelwe utsiki, abizwa amadoda akwaNdlambe ukuba aze kuzimasa itheko. Angxolile la madoda ukuba abanjiswe into esinqeni engayazi nokuba ibiqale kanjani na. Ukuba ibingekho inyama ingxolo ngeyithande ukuba qatha, ... Into ekhe yawaphazamisa kukufumanisa ukuba ezinye iinkomo zekhazi likaNokwakha zathengiswa ngeenjongo zokulobola umntwana waseThekwini.
>
> Enye indoda ikhe yabuza ukuba ikhazi elo lalichotshelwe ngubani, koko uQolwana waxela ukuba yonke loo nto wayenza nonina womfazi. Ahlafunile amadoda kubonakala ukuba akahlafuni nje inyama kuphela, koko ahlafunisisa nale nto ayixelelwa ngunyana wamaNdlambe. Emva kwexesha, sekufuna ukulibaleka uMluleki, isankonde sakwaNdlambe, senjenje ukuthetha,
>
> 'Qolwana, mntwana wam, ndimdala ndingaka nje. Into enje ngale uyenzileyo asilosiko lalapha. **Kumcimbi wekhazi akakho umntu osina ezombelela.** Umtshato asiyonto yakho nomfazi wakho. Kuyafuneka ukuba nabanye abantu babenenxaxheba abayidlalayo, kuba le nto yenu iya kuhamba ihambe ifune nabany'abantu. Ukuba ubulumkile mntwana wam ngowungahambanga ngale ndlela, kodwa ke umntu akabuboni ubudenge bakhe. Ndiyathemba ke ukuba akuyi kusifuna xa <u>umqa sowomele ephinini</u>. Kodwa le yakho into, ndakuyicela ivuthiwe'.

4.1.1 Xela ukuba eli bali liqhubeka emaphandleni okanye ezidolophini. (1)

4.1.2 Matanisa iimpawu zebali ezikuKholam A nempendulo ekuKholam B.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Umbalisi kwesi sicatshulwa. | (i) | NguQolwana |
| | | (ii) | NguMluleki |
| (b) | Umlinganiswa oyintloko kweli bali. | (iii) | Ngumbhali |
| | | (iv) | NguNokwanda |

(2)

4.1.3 Yahluke njani indlela owasingathwa ngayo umcimbi welobola kaNokwanda kokaNozukile? (2)

4.1.4 Kuphuhlisa ukuba unamvakalelo ni uMluleki ngokuzilobolela kukaQolwana ngokuphinda ibinzana elisisihloko sebali, 'ndakuyicel' ivuthiwe' ebalini? (2)

4.1.5 Ingaba indlela awayisingatha ngayo inyewe yekhazi lakhe uQolwana yamkelekile ngokwesiko lakwaNtu? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 Chaza okwenziwa nguNozukile ukuzama ukuba uninazala ajongane nekhaya. (2)

4.1.7 Ngqina ubunyani bale ntetho ithi 'akakho umntu osina ezombelela' ngokwalapha ebalini. (2)

4.1.8 Ngokwasebalini uMaVumisa umbona njengomolokazana onjani uNozukile? (1)

4.1.9 Sisiphi isiganeko esamtsho uQolwana waziva ngathi yinkunzi enqunyulwe amanqindi emva kokuba ecetyiswe ngamaNdlambe. (1)

4.1.10 Ibangelwa yintoni impixano ephakathi kukaMavumisa nomolokazana wakhe? (1)

4.1.11 Bonisa indlela umbhali amsebenzise ngayo umlinganiswa onguMluleki kweli bali? (2)

**ISICATSHULWA B: *KANTI ANDIZENZANGA* – EZ Guqa**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UMntuyedwa wathiywa eli gama ngabazali bakhe kuba wavela sekuncamekile ukuba bangaze bavuzwe ngomntwana. Le nkewu ke ikhule iyodwa kowayo kucaca ukuba eli gama layo lamenza wakhalala nalowo wayenokubavuza ngomnye umntwana abazali bayo. Umntwana ke okhula yedwa kowabo ubanazo izinto ezininzi ezimphosayo nezimphuncukayo koko kukhula kwakhe. Ukhula engayazi into yokuxabana axambulisane nabantakwabo bade balwe ngohlobo olunokwenza umntu acinge ukuba lonke elo dabi lisuka kwintiyo, kanti phantsi kwayo yonke loo nto kukho uthando olwendeleyo nolungenakuqotywa bani.

Into yokukhula yedwa kukaMntuyedwa kwenze ukuba abenobuhlobo nobudlelwana nje obubodwa nonina uMaDam. UMntuyedwa izinto ebezifuna ukumqhokra apha ebomini ubezibalisela uMqhorhana, nomnye angamqhwebuli ngentsini koko amqhubele kwindlela elula yokusombulula loo ngxaki. UMaDosini ke ubesoloko elungele ukusombulula nasiphina isishiqi unyana wakhe asibona njengento engxamel'ukuxaka intendele. Xa kutshawuza imibane, uMntuyedwa ubenethemba lekhusi elingunina. Xa kusiwa amachaphaza andulela isichotho, unkabi ubengaziva evikivekile kuba ubesazi ukuba akanakuba licham kuba unina eyintonga yokumvikela. Ukhule njalo ke lo mfo ekhulela ekhusini elingunina.

Kwalile xa ineminyaka elishumi elinesithathu le nkewu, kwacaca ukuba kuyo kukho ukunqongophala kwezinto ezintama ubukhwenkwe enkwenkweni.

4.2.1 Kwakutheni ukuze abazali bakaMntuyedwa bamthiye eli gama? (1)

4.2.2 Yeyiphi into awakhula engayazi ngenxa yokuba ekhula yedwa? (1)

4.2.3 Sivelisa ntoni ngobudlelwane bukaMntuyedwa noMaDosini esi sivakalisi silandelayo?

'UMntuyedwa izinto ebezifuna ukumqhokra apha ebomini ubezibalisela uMqhorhana ...' (2)

4.2.4 UMntuyedwa wayexoxiselwa ntoni ngamakhwenkwe asesiKhobeni? Xela zibe MBINI. (2)

4.2.5 Isenzo samadoda sokuxoxa agqibe ngoMntuyedwa engakhange ambize uMaDosini sibonisa ukuba anaziphi iingcinga kwezi?

A Ingcinga enye ebethelelekileyo malunga nabantu.
B Ingcinga ecalula abantu ngokwesini.
C Ingcinga ecalula abantu ngokwebala.
D Ingcinga eziqhatha abantu kwiindawo zabo. (1)

4.2.6 Ingaba uMaDosini wayamkela impendulo kaMfundisi malunga nokugxothwa kukaMntuyedwa? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.2.7 Bonisa ubuchule bombhali ngokuzalanisa isihloko sebali esithi, 'Kanti andizenzanga' nomxholo. (2)

4.2.8 Esi sicatshulwa sifumaneka kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho ngesizathu ESINYE. (2)

4.2.9 Bonisa ukufaneleka kwesigqibo sikaMaDosini sokuba naye aphele esithi uMntuyedwa makahambe eSikhobeni. (2)

4.2.10 Yintoni injongo yombhali ngeli bali? (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE*

Phendula imibuzwana YOMIBINI.

## UMBUZO 5 (UMBUZO OMFUTSHANE)

5.1 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**Intyatyambo – M Mbutuma**

Ewe, ntyatyambo, kha usibonise,
Ewe kaloku, kha usixelele:
Elona xesha lokuba ume,
Ililiphi n'elona ziko lakho,
Aph'umnt'u angakha khona,
Uphi n'owona mthombo wakho
Aph'umnt'angazikholisa khona,
Aph'angahlal'azikhelele,
Aph'angazidid'akruquke.

Baxolil'abahamb'emimangweni,
Kub'ubaph'ukuyol'emathafeni.
Babukel'ubuhle nehombo yakho.
Ubaxolisil'abazingeli bakho,
Balibala bebuk'ubuhle bakho,
Uzidlamkisil'iinyamakazi,
Ziphaphile zinokuqavakazi,
Zidl'obakh'ubuncuthu,
Zikunye neentaka zezulu,
Zidl'incind'emyoli kakhulu.

Ziindid'ezininz'iintyatyambo.
Ulinganiswa nomXesibe nabaMbo.
Kant'umthinjana ukwenz'ihombo,
Ukwenz'uvunywe lilizwe
Ngomsebenzi wakho wobuzwe.
Waa, ntyatyambo, uvunyiwe,
Ngenene ngevumb'uthandiwe
Kanti ngobuhl'uvunyiwe.
Ngomfaneleko wasamele.

Ndikubona futh'emifuleni
Aph'uhlal'emafuku-fukwini.
Ngokungath'usekuwahombiseni
Loo manz'anzongo-nzongo ezizibeni.
Phezu kwamachib'uyakhonya
Ujikwa-jikwa kuhle ngumoya,
Ningqungqe kuhle nivum'ingoma,

Adungek'amanzi sel'eman'encoma,
Induluk'imisinga al'amanxwema
Zon'izitiya sel'izezakho
*Kub'uman'ufunyanw'apho.*
Zon'iibhekile namagogogo
Neembodlelana zikubeka kuzo,
Zide zikufak'ezindlwini.
Ubune kukuhlal'endlwini
Buphel'ubuhle kuni
Kuwe imvuthuluka kwakuni
Nilahlwe ubuhle bungasekho kuni.

5.1.1 Imbongi isebenzise isimntwiso kwisitanza soku-1.

(a) Chonga esi simntwiso. (1)

(b) Chaza ukuba kutheni usithi sisimntwiso nje. (1)

5.1.2 Umbhali usebenzise amagama 'iziko' no 'mthombo' kwisitanza soku-1 ngokubhekiselele kwintyatyambo ukubonisa ...

Khetha impendulo ibe nye echanekileyo kwezi zilandelayo.

A Ukutsha kwentyatyambo.
B Imvelaphi yentyatyambo.
C Ukunkcenkceshelwa kwentyatyambo.
D Ukuthenwa kwentyatyambo. (1)

5.1.3 Bhala ngesivakalisi ESINYE umongo oqulethwe sisitanza soku-1. (2)

5.1.4 Ngumfanekiso-ntelekelelo wantoni umbhali awusebenzise kumqolo wama-21? Chaza ukuba ucacisa ntoni. (2)

5.1.5 Xela iindidi zibe MBINI zendalo ezonwatyiswa yintyatyambo kwisitanza sesi-2. (2)

5.1.6 Mvakalelo ni enayo imbongi kwisitanza sesibini? (2)

5.1.7 Yintoni injongo yembongi yokugqibelisa ngemiqolo yama-43–46 kulo mbongo? (2)

5.1.8 Ifumaneka phi intyatyambo ngokwemiqolo yama-29-30. (2)

5.1.9 Nika igama elifumaneka kumqolo wama-28, elithetha into enye negama, 'ugqwesile.' (1)

5.1.10 Mfundiso ni edluliswa ngumbhali kulo mbongo? (2)

5.2 Funda lo mbongo ulandelayo uze uphendule imibuzo.

**UMANYANO – ZS Qangule**

Ubuhlobo babo yindima yobobo
Ubuhle babo ngamagqabi ehlobo.
Zimvo zabo bubunzulu bolwandle,
Qilimba lwazo ntsimbi yesinyithi.
Izivondoviya zemihla zenza ingxolo,
Zigxutsha kutsho kube bubutyobo.

Bona basala beme njengezikhondo,
Kaloku ezantsi iingcambu zibambene.
Zavela ziphefumlelana ngamoya mnye,
Kuba zingqubeka matyeni manye.
Ningalibali **zintshula** mbewini inye,
**Kwasekuqaleni** zihamba ndlela inye,
Bathi igazi liyajiya kunamanzi,
Kanti iingcambu ziyakufunxa okumanzi.

5.2.1 Xela udidi lophindaphindo lwesandi olukrwelelwe umgca ngaphantsi kwimiqolo yoku-1 nowesi-2 kunye nomsebenzi walo. (2)

5.2.2 Kutheni imbongi ikhethe igama u- bobo xa ibhekisa kumanyano? (2)

5.2.3 Imbongi isebenzise isifaniso kumqolo wesi-7.

(a) Chonga esi sifaniso sisetyenziswe yimbongi. (1)

(b) Chaza ukuba kutheni sifanelekile esi sifaniso. (1)

5.2.4 Matanisa amabinzana akuKholam A nentsingiselo ekuKholam B.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Abantu abazimvo zabo zi**bubunzulu bolwandle.** | (i) | Abantu abangaqiqiyo xa besenza into. |
| | | (ii) | Abantu abaziintshaba bezalana. |
| (b) | Bathi igazi liyajiya kunamanzi. | (iii) | Abantu abaqiqayo phambi kokwenza. |
| | | (iv) | Abantu abanqandelana ngokuzalana. |

(2)

5.2.5 Xela iimpawu EZIMBINI ezibonisa ukuba lo mbongo yisonethi. (2)

5.2.6 Uthini umyalezo oziswa yimbongi ngomanyano kulo mbongo? (2)

5.2.7 Cacisa amazwi embongi athi, 'kaloku ezantsi iingcambu zibambene' ngokubhekiselele kumanyano? (1)

5.2.8 Isihloko salo mbongo singqinelana njani nombongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2.9 Azisa luvo luni ngomanyano amagama abhalwe ngqindilili kwisitanza sesi-2? (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**